THE ART OF RESEARCH

# IMetronidazole: Umfo omhle okanye umfo ombi?

## IMetronidazole sisibulala ntsholongwane esisetyenziswa ngokubanzi kusulelo olosulela ngokwabelana ngesondo nebacterial vaginosis, kodwa akwaziwa nokuba ukuyisebenzisa kuyichaphazela kakubi na ivaginal microbiota.

**Dana Chiles** nguMfundi wesiDanga esilandela esokuqala oprojekthi yakhe ijolise kwibacterial vaginosis kwiinzululwazi ngeentsholongwane kwiYunivesithi yaseKapa.

**ORCID ID:**
*https://orcid.org/0009-0009-7798-585X*

**Further information:**
*chldan007@myuct.ac.za*

Presented in association with the Institute of Infectious Disease and Molecular Medicine, this programme forms part of #theArtofResearch, an initiative of research communication specialists Jive Media Africa.

ACTIVATING AFRICAN KNOWLEDGE
Jive Media Africa

Bacterial vaginosis (BV) yeyona ngxaki ixhaphakileyo yamalungu angasese echaphazela abasetyhini abasabelana ngesondo. Abasetyhini bakwiAfrika ekwiSub-Sahara bachatshazelwe ngokungenamlinganiso yi-BV, nakuba kunjalo kunqabile ukuba baqukwe kwiingxoxo zehlabathi ezimalunga nempilo yelungu lobufazi kunye neyezesondo. I-BV ibangwa kukusuka kwiqela leebhakthiriya zelungu lobufazi zisuka kwimo egqibeleleyo ukuya kwengagqibelelanga. I-BV inyusa umngcipheko wokufumana usulelo olosulela ngokwabelana ngesondo, olufana ne-HIV, kwaye inxulunyaniswe nokubeleka phambi kwexesha. Nakuba kunjalo, ixesha elininzi iqhubeka ingaqatshelwa, kuba akuthethwa ngayo ixesha elininzi okanye nokwaziwa na, nangaphandle kweziphumo zayo kwimpilo yelungu lobufazi.

IMetronidazole, isibulala ntsholongwane esisebenza kuluhlu lwebhakthiriya, isetyenziswe ngaphezulu kweminyaka engama-25 ukunyanga i-BV. Nakuba kunjalo, ixesha elininzi alusebenzi unyango, njengoko uninzi lwabasetyhini ibehlela iphindelela i-BV msinyane nje emva kokuyisebenzisa. IMetronidazole iyasetyenziswa kananjalo ukunyanga usulelo olosulela ngokwabelana ngesondo olufana netrichomoniasis.

*Ukuphononongа ukusebenza kakuhle kwee-antimicrobials usebenzisa uvavanyo lwe-antimicrobial susceptibility test kwi-petri dish.*

Ukunyanga usulelo olosulela ngokwabelana ngesondo Metronidazole kunokuchaphazela ngokungalunganga ivaginal microbiota. Akwaziwa ukuba ukunyanga usulelo olosulela ngokwabelana ngesondo ngeMetronidazole kunokuyichaphazela na ivaginal microbiota okanye, okumandundu, okanye ikhetha ibhakthiriya enganyangekiyo elwa iimpilana.

Phantsi kolongamelo lukaGqirha Brian Kullin noGqirha Shantelle Claassen-Weitz kwiQela loSulelo lweNcindi eVeliswa nguMzimba, sisebenza ngokubhekisele ekuqondeni ukuba ukusebenzisa iMetronidazole ukunyanga usulelo olosulela ngokwabelana ngesondo kulichaphazela njani iqela leentsholongwane zelungu lobufazi kunye nokuba inokulitshintsha njani iqela ekukhetheni ibhakthiriya enganyangekiyo ngezibulala ntsholongwane Lo msebenzi unokunceda ukukhokela kuphuhliso lwamanyango abasetyhini kwiAfrika ekwisub-Sahara ukwehlisa ubukho jikelele be-BV kunye nokuphucula impilo yelungu lobufazi.